



Western Cape  
Government  
Local Government



**IsiCwangciso seNkqubo yoNyaka ka-2017-18**  
**soRhulumente weNdawo wePhondo leNtshona Koloni**

ISEBE

LORHULUMENTE WENDAWO  
LENTSHONA KOLONI

---

IsiCwangciso seNkqubo yoNyaka  
2017-18

## ISINDULULO

Eli phondo linezinga lobuhlwempu eliyi-35% yaye le yeyona nto kufuneka iqhubekayi amaphulo ongenelelo lukanhulumente kwiindawo zoluntu. Oku kuthetha ukuba le meko iqhubekayi yobuhlwempu yinto ekufuneka ithathelwe ingqalelo nanjengoko iziphumo zayo ikukunya kweemfuno zamaphulo okanye iinkonzo zikanhulumente.

Xa ndiphinda ndijonga kule minyaka mihanu idlulileyo ndiziva ndinelunda ukuthi iSebe lam linoluhlu lweenkqubo elizenzayo ezenzelwa ukuqinisekisa ukuba abantu bayaziphucula iimeko zabo zokuphila. IThusong kunye neNkqubo yabaSebenzi boPhuhliso loLuntu (iCommunity Development Worker Programme) zibe lulutho ekuzisweni kweenkonzo ebantwini. Ubuncinane bayi-1.2 yezigidi abantu abafikelelo kwiinkonzo zikanhulumente ngonyaka, bezifumana kumaZiko eeNkonzo aseThusong. Apha ku-2017/18 eli Sebe liza kujonga iindlela zokunabisa le Nkqubo yeThusong ukuba ibe ngamaziko okupheliswa kwendlala, ekudalweni kwamathuba emisebenzi kunye nophuhliso loluntu olunatyisiwego.

Rhoqo ngonyaka abaSebenzi boPhuhliso loLuntu (iiCommunity Development Workers - iiCDW) bathumela abantu abangama-30 000 kwiinkonzo ngeenkonzo zikanhulumente apho bathunyelelwia iingxaki eziphathekayi ezinefuthe ebomini babantu. Ngaphezulu, iiCDW zixhase iiprojekthi eziphakathi kwama-50 nama-60. Ezi projekthi zibandakanya uluhlu lweenkalo ezifana namashishini aqhutywa sisinini, inkxaso yamafama asakhasayo, izitiya, uphuhliso lolutsha kunye nophuhliso lwezakhono. iiCDW ziza kuqhubeka nokuba ziirhente eziza notshintsho kwiindawo zoluntu, zenze amaphulo ajonge ekuphuculeni ufikelelo kumathuba oqoqosho olukwizinga eliphantsi kwanokuphucula ufikelelo kwiinkonzo zikanhulumente.

Ithuba lemililo lango-2016/17 liye labonakalisa ukuba imililo yamadlelo isaqhuba nokuba yeyona ngxaki kweli Phondo, yaye le mililo ayipheleli nje ekubeni yingozi endalweni nakwizindlu, kodwa nobomi babantu buya buba sesichengeni ngokuba sesichengeni ngethuba lale mililo. iINkonzo zemiLilo zeli Phondo sezijongene nemililo engaphezu kwama-17000. Iingxelo zemililo emalunga nama-2000 bezivela kwiindawo zoogibityholo yaye ziquka imizi engama-5900, kwasweleka nabantu abali-142. Uqikelelwa ngaphezu kwe-R500 yezigidi umonakalo owenzeke kumacandelo karhulumente.

Uphando olwenziwe iminyaka ngeminyaka malunga nemililo yemidlelo ethi iqhambeke kwiindawo zoogibityholo lufumanise ukuba ukufa kwabantu abaninzi akubangelwa ngumlilo ngokwawo, koko kunxulunyaniswa nokurhaxwa ngumsi. Ngokolo phando, iZiko loLawulo lweeNtlekele leNtshona Koloni lize nendlela ebandakanya ukufakwa kweealam zokuqaphela umsi, eziya kuthi zifakwe kwiindawo zoluntu lwethu olusesichengeni. Esi sixhobo siza kuncedisa ekuvuseni abantu kwangethuba, nto leyo iya kucutha ukubulawa kwabantu ngumlilo.



Eli Sebe lam liyaiqonda into yokuba imeko exhalabisayo yamacandelo amaninzi eeNkonzo zezoMlilo alapha ePhondweni, ngakumbi lawo angaphandle kweedolophu ezinkulu. Imeko yezemali koomasipala besithili abaninzi nayo iye yakhokelela ekubeni zingatshintshwa izixhobo ezidala neziphelelwe lixesha. Ukuza kuthi ga ngoku eli Sebe lam lithenge izithuthi zokucima umlilo ezili-10, ezinento yonke nezakhelwe lo msebenzi, ukuba zisiwe koomasipala abasemaphandleni kweli Phondo ngeMTEF ka-2017. Izithuthi zokucima umlilo ziyinxalenye yeprojekthi eya kusebenzisa i-R 42.5 yezigidi ekuphuculweni kwamandla okulwa nemililo kweli Phondo ngokubanzi kule MTEF ka-2017. Eli phulo libonisa iindlela elizimisele ngayo iSebe lam ekomelezeni amandla okulwa nomlilo kwiindawo ezisemaphandleni.

Ngaphezulu, eli Sebe lam liye lakkuphela iigranti zonyaka iLifesaving Western Cape kunye neNational Sea Rescue Institute (iNSRI), nexabise i-R422 000 kwigranti nganye, lisenzela ukomeleza ukhuseleko Iwamanzi kwiPhondo jikelele. I-NSRI iphindie yanikwa esinye isixa se-R585 000 ukuba ithenge iiveseli ezintathu, neziya kwandisa ukukwazi ukujongana neenkonzo zohlangulo kumanxweme asesichengeni. I-NSRI ayijongananga nje nokunceda apho kukho abantu abasesichanengeni sokurhaxwa, kodwa ithi yenze neenkonzo zokufundisa abantwana ukuze bangaziboni besemngciphekweni wokurhaxwa.

IsiCwangciso soPhuhliso oluNdindeneyo (i-IDP) somasipala sisicwangciso sendlela enye edibeneyo yokusebenza kukamasipala, nesenzelwe ukucwangcisela uphuhliso lukamasipala. Siquka izicwangciso zokusetyenziswa kwezixhobo ngendlela efanelekileyo. Kubalulekile ukuba abemi bathathe inxaxheba ekuqulunqweni nasekubekwensi kwemiba ephambili kolu xwebhu lubalulekileyo. Eli Sebe lam liyaqhubea nokuxhasa oomasipala kule nto, umzekelo, kujongwa iindlela zokuqhutywa kweengxoxo kunye nabahlali. Kulindeleke ukuba xa oku kuthe kwenzeka, kuphucuke ukuthatha inxaxheba koluntu kwiinkqubo zikamasipala, nanjengoko uluntu luya kukuwazi ukuthatha inxaxheba kumaphulo okuphculwa kokuhanjiswa kweenkonzo zikamasipala abanokufikelela kuzo, besebenzisa iiselfowuni.

Ukuze bakwazi ukujongana nalo mngeni wokuhanjiswa kweenkonzo, kufuneka siphucule amandla okusebenza koomasipala bethu. Ngoko ke, ulungiselelo lungoyena ndoqo ekuhanjisweni kweenkonzo. Iiprojekthi ezifana nokuyilwa ngokutsha komasipala okujonge ekuhloeni ubume bangoku bacandelo kamasipala kunye nokuyilwa ngokutsha kwawo ukuze ubonise iimeko zendawo, iimfuno zomsebenzi kunye neemfuno zokuhanjiswa kweenkonzo ziye zaqhutywa koomasipala. Namacandelo aye ahanjelaniswa neeIDP kunye neebhajethi zikamasipala. Oku kuye kwakhokelela kuveliso oluphucukileyo kunye nozinzo Iwezemali ngokwethuba eliphakathi nelide. Kuya kujongwa kwinkxaso eya kunikwa oomasipala ukwenzela ukujongana nemingeni ngokoomasipala abathile. Oku kuza kuquka iinzame ezifana nokunika inkxaso neengcebiso zezomthetho, ukuqequesha ooceba kunye namagosa kamasipala kwanokwazisa ooceba abasandula kunyulwa malunga nomgaqo-sikhokelo wemithetho yorhulumente wendawo. Oku kuya kuba nefuthe kulawulo olululo nolusebenzayo, kujongwe ukuba kuggibebe ngokuba kubekoho ukuhanjiswa kweenkonzo.

Enye yeenjongo eziphambili zokuphucula iimeko zentlalo zabantu beli Phondo kukuphucula ufikelelo kwiinkonzo ezingundoqo. Kule minyaka imbalwa idlulileyo eli Phondo beliphala phambili elizweni lonke kufikelelo Iweenkonzo ezingundoqo. Siyayiqonda into yokuba ukucuthwa kokuba semva ekuhanjisweni kweenkonzo kusengumngeni oqhubekayo koomasipala bethu. Iziseko ezingundoqo ezingekho mgangathweni zinokubangela ukuba uhanjisw Iweenkonzo lungaqhubi kakuhle kwiindawo zoluntu. linkqubo, iibhajethi kunye neenzame zeli Sebe lam zijoliswe ekuphuculen iimeko zentlalo zabantu beendawo zethu. Kule MTEF ka-2017, eli Sebe liza kuhubeka nokuzicela umngeni ukuba lijolise kwiiprojekthi eziya kuba nefuthe elingqalileyo nelimayana kwiindawo zoluntu.



**AW Bredell**

**UMPHATHISWA WESEBE LORHULUMENTE WENDAWO,  
IMICIMBI YEZENDALO KUNYE NOCWANGCISELO  
LOPHUHLISO**

## UKUKHUTSHWA NGOKUSESIKWENI

Kuqinisekiswa ukuba esi siCwangciso sokuSebenza soNyaka

- siye senziwa ngabalawuli beSebe loRhulumente weNdawo (iiDepartment of Local Government - iiDLG) bekhokelwa nguMphathiswa wePhondo weSebe loRhulumente weNdawo, imiCimbi yezeNdalo kunye noCwangcisel0 loPhuhliso, uMnu. A Bredell;
- silungiswe ngokuhambelana nesiCwangciso sokuSebenza sangoku seSebe loRhulumente weNdawo; yaye
- sibonisa ngokuchanekileyo iithagethi zokusebenza elingathanda ukuzifezekisa iSebe loRhulumente weNdawo ngokwezixhobo eziye zalungiselelw0 kwibhajethi ka-2017/18.

i

Nkosk. B Sewlall-Singh  
IGosa eliyiNtloko lezeMali

Mnu. A Diwengu  
UMlawuli weCandelo lemiGaqo-nkqubo nenkxaso yokuPhuhliswa kwayo

Mnu. G Paulse  
IGosa loCwangciso-mali (iNtloko yeSebe)

Savunywa:

nguMnu. AW Bredell  
UGunyaziwe oLawulayo

## ULUHLU LWEZIFINYEZO

<b>AO:</b>	Accounting Officer	<b>NSDP:</b>	National Spatial Development Perspective
<b>CDW:</b>	Community Development Worker	<b>NSRI</b>	National Sea Rescue Institute
<b>CoCT:</b>	City of Cape Town	<b>OPMS:</b>	Organisational Performance Management System
<b>CWP:</b>	Community Work Programme	<b>PCF:</b>	Premier's Co-ordinating Forum
<b>DCF:</b>	District Co-ordinating Forum	<b>PFMA:</b>	Public Finance Management Act, 2003
<b>DCOG:</b>	Department of Co-operative Governance	<b>PGMTEC:</b>	Provincial Government Medium Term Expenditure Committee
<b>DLG:</b>	Department of Local Government	<b>PMS:</b>	Performance Management System
<b>DM:</b>	District Municipality	<b>PSG:</b>	Provincial Strategic Goal
<b>DPME:</b>	Department of Monitoring and Evaluation	<b>PSDF:</b>	Provincial Spatial Development Framework
<b>GCIS:</b>	Government Communication and Information System	<b>PT:</b>	Provincial Treasury
<b>GDP:</b>	Gross Domestic Product	<b>RMT:</b>	Regional Management Team
<b>ICT:</b>	Information and Communications Technology	<b>SALGA:</b>	South African Local Government Association
<b>IDP:</b>	Integrated Development Plan	<b>SCM:</b>	Supplier Chain Management
<b>IGR:</b>	Intergovernmental Relations	<b>SDBIP:</b>	Service Delivery & Budget Implementation Plan
<b>LED:</b>	Local Economic Development	<b>SDF:</b>	Spatial Development Framework
<b>LGTAS:</b>	Local Government Turn Around Strategy	<b>SDI:</b>	Service Delivery Integration
<b>M&amp;E:</b>	Monitoring and Evaluation	<b>TSC:</b>	Thusong Services Centre
<b>MFMA:</b>	Municipal Finance Management Act	<b>WC:</b>	Western Cape
<b>MGRO:</b>	Municipal Governance Review and Outlook	<b>WCG:</b>	Western Cape Government
<b>MIG:</b>	Municipal Infrastructure Grant		
<b>MIGMIS:</b>	Municipal Infrastructure Grant Management Information System		
<b>MINMAY:</b>	Forum of Provincial Minister of Local Government & Executive Mayors		
<b>MINMAYTECH:</b>	Forum of the Head of Department: Local Government & Municipal Managers		
<b>MISA:</b>	Municipal Infrastructure Support Agency		
<b>MMC:</b>	Municipal Minimum Competency		
<b>MPRA:</b>	Municipal Property Rates Act, 2004 (Act 6 of 2004)		
<b>MTEF:</b>	Medium-Term Expenditure Framework		
<b>MTSF:</b>	Medium-Term Strategic Framework		
<b>MSA:</b>	Municipal System Act, 2000 (Act, 32 of 2000)		

## ISIQUATHO

<b>ICANDELO A: AMAGQABANTSHINTSHI AMALUNGA NESI SICWANGCISO</b>	<b>2</b>
1 Umbono	2
2 Umgomo	2
3 Iimfundiso ezisisiseko	2
4 Imithetho neZinye iziGunyaziso	2
4.1. ImiSebenzi ebekwe kuMgaqo-siseko	2
4.2 Imithetho ekufuneka ilandelwe liSebe	2
4.3 Emino imiThetho yeSebe loRhulumente weNdawo	4
4.4 ImiThetho eLandelwa ngawo onke amasebe	4
4.5 ImiSebenzi ebekwa yimiGaqo-nkqubo yoRhulumente weNdawo	4
4.6 ImiSebenzi ebekwa yeminye imiGaqo-nkqubo	5
4.7 Amaphulo aCwangciselwe ukuqhube imiGaqo-nkqubo	5
5 UHlalutyo IweMeko oluHlaziyiweyo	5
5.1 IMeko eNgqonge uKwensiwa komSebenzi	5
5.2 IMeko kaMasipala	7
5.3 INkqubo yokuCwangciselwa ukuSebenza	8
6 Iinjongo Eziphambili Nezijoliswe Kwiziphumo Ezijonge Ukufezekiswa	9
6.1 UkuHambelanisa nesiCwangciso soPhuhliso seLizwe, iziPhumo zeLizwe kunye neeNjongo eziPhambili zePhondo	9
6.2 UkuHambelanisa nesiCwangciso sokuSebenza sePhondo	12
6.3 Isishwankathelo seBhajethi neengqikelelo zeMTEF zika-2017	15
<b>ICANDELO B: IINJONGO EZIPHAMBILI</b>	<b>18</b>
7 UBume beNkqubo yeBhajethi	18
8 IiNjongo eziPhambili kunye neziNto eziBonisa iNtsebenzo yeNkqubo	18
8.1 INkqubo yoku-1: Ezolawulo	18
8.2 INkqubo yesi-2: ULawulo IweeNdawo	23
8.3 INkqubo yesi-3: UkuPhuhlisa nokuCwangcisa	47
9 Izalathi-ntsebenzo ezibekwe liLizwe neziNgena phantsi kwamanye amaSebe:	62
10 ULawulo IwemiNgcipheko	63
<b>ICANDELO C: UKUNXULUMANA NEZINYE IZICWANGCISO</b>	<b>67</b>
11 liGranti eziKhutshwa phantsi kwemiQathango ethile	67
12 Amaqumrhu karhulumente	79
13 Ubambiswano phakathi kwamacandelo kaRhulumente nawaBucala	79
<b>ISIHLOMELO A: UKUMA KWELI SEBE</b>	<b>81</b>
<b>ISIHLOMELO B: IZALATHI ZEMIBA ENXULUMENE NAMACANDELO ATHILE</b>	<b>82</b>
Programme 1: Administration	82
PROGRAMME 2: Local Governance	88
PROGRAMME 3: Development and Planning	122

A



*Photo: Patrick Ryan, Vulcan Wildfire Services*

## ICandelo A: AmaGqabantshintshi amalunga nesi siCwangciso

### 1 Umbono

Iqela elisebenza ngokubonakalayo nangeendlela ezitshintsha-tshintshay olenza ukuba oomasipala balawulwe ngendlela eyiyo ukuze bahambisele uluntu iinkonzo ngendlela ekwaziyo ukujongana nemiba, ezinzileyo kunye nendindeneyo.

### 2 Umgomo

Ukubeka esweni, ukulungelelanisa nokuxhasa oomasipala ukuze baphumelele ekufezekiseni imisebenzi yabo yophuhliso, kwanokuncedisa ukuhanjiswa kweenkonzo nokumelana neentlekele ngokuthi kubekho iingxoxo ezibandakanya amanqanaba olawulo karhulumente kunye nabo babambisene nawo ekuhlaleni.

### 3 Iimfundiso ezisisiseko

Iimfundiso ezisisiseko zeli Sebe ziyafana nezo zintandathu zephondo, ezizezi:

- Inkathalo;
- Ulwazi lomsebenzi;
- Ukuba noxanduva;
- Isidima;
- Ukukwazi ukujongana neemeko; kunye
- Nokuza namacebo amatsha.

### 4 Imithetho neZinye iziGunyaziso

#### 4.1. ImiSebenzi ebekwe kuMgaqo-siseko

UMgaqo-siseko woMzantsi Afrika (1996) unika umgaqo-sikhokelo onabileyo kazwelone olungiselelwe onke amasebe karhulumente eMzantsi Afrika. ISahluko sesi-7 sicacisa iinjongo nemisebenzi yorhulumente wendawo. Kwesi sahluko kunokukhutshwa le misebenzi ilandelayo yeSebe loRhulumente weNdawo:

- Ukuseka oomasipala abayilandelayo imithetho yelizwe;
- Ukuxhasa nokomeleza ukukwazi ukusebenza koomasipala;
- Ukulawula ukusebenza koomasipala ngokwemisebenzi yabo edweliswe kwishedyuli yesi-4 neyesi-5 yomgaqo-siseko;
- Ukungenelela aphi kukho ukungalandelwa kwemithetho, izibophelelo zokulawula okanye zezemali; kunye
- Nokukhuthaza urhulumente wendawo onophuhliso.

#### 4.2 Imithetho ekufuneka ilandelwe liSebe

UXwebhu IweNgaciso yeMiba yoRhulumente weNdawo (ka-1998) kunye noluhlu Iweminye imithetho ehambelana nawo (ecaciswe apha

ezantsi) icacisa ulawulo loorhulumente bekaya elizweni gabalala.

a) **URhulumente weNdawo UMthetho wokuCandwa kweMida kaMasipala (Municipal Demarkation Act), ka-1998 (uMthetho wama-27 ka-1998)**

Lo Mthetho ujunge:

- Ukunika ikrayitheriya kunye neendlela emazilandelwe xa kusikwa imida kamasipala ngugunyaziwe ozimeleyo.

b) **URhulumente weNdawo: UMthetho wamaCandelo kaMasipala (iMunicipal Structures Act), ka-1998 kunye noRhulumente eweNdawo: UMthetho weeNdlela zokuSebenza zikaMasipala (iMunicipal System Act), ka-2000 (uMthetho wama-32 ka-2000)**

Yomibini le miThetho:

- Icancisa indlela yokuthathwa kwezigqibo zopolitiko ezichaphazeliza izantu ezahlukenezo zoomasipala;
- Icacisa amagunya nemisebenzi yabo banendima abayidlalayo;
- Ilawula ukunikwa kwamaguna;
- Ikwanika indlela yokuziphatha elawula ooceba namagosa; yaye
- Inika ummiselo ekufuneka ilandelwe nguRhulumente wePhondo ekulawulen, ekubekeni esweni, ekuxhaseni nasekulungelelaniseni oomasipala abaphantsi kolawulo Iwakhe.

c) **URhulumente weNdawo: UMthetho woLawulo IweMali kaRhulumente (iMunicipal Finance Management Act), ka-2003 (uMthetho wwama-56 ka-2003) (iMFMA)**

Lo Mthetho ujunge:

- Ukulungiselela ulawulo olululo noluzinzileyo Iwemicimbi yezemali koomasipala; yaye
- Ibeke imigaqo nemimiselo enokusetyenziswa ukubeka esweni nasekujongeni imicimbi yezemali.

d) **URhulumente weNdawo: UMthetho yokuHlawulelw kweRhafu yamaXabiso eePropati zikaMasipala (iMunicipal Property Rates Act), ka-2004 (uMthetho wesi-6 ka-2006) ohlaziwe nguRhulumente weNdawo: uMthetho wokuHlaziya kokuHlawulelw kweRhafu yamaXabiso eePropati zikaMasipala (iMunicipal Property Rates Act), ka-2014 (uMthetho wama-29 ka-2014)**

Lo Mthetho ujunge:

- Ukulawula amagunya kamasipala okubeka ipropati irhafu yokuhlawulelw kwamaxabiso eziza;
- Ukungazifaki iipropati ezithile ekubekweni kwerhafu yokuhlawulelw kwamaxabiso eziza;
- Ukulungiselela ukuba oomasipala bakwazi ukuqhube indlela engafihlisyo nefanelekileyo yokuxolela oomasipala abathile;
- Ukuqalisu ukubuyiswa kwemali ngokwemigaqo-nkqubo yokubekwa kwerhafu yokuhlawulelw kwamaxabiso eziza;

- Ukulungiselela ukufaneleka nokuhambelana neemeko kweendlela zokubekwa kwamaxabiso eepropati; kunye
- Nokulungiselela inkqubo ‘yokukhaba nokubhena malunga nenkqubo’.

URhulumente weNdawo: uMthetho wokuHlaziya kokuHlawulelw  
kweRhafu yamaXabiso eePropati zikaMasipala (*iMunicipal Property Rates Act*), ka-  
2014 uqale ukusebenza ukususela ngomhla woku-1  
kuJulayi 2015.

## Lo Mthetho ujонге:

- Ukulungiselela uhlaziyo oluva kumana lusenziwa, oko kufakelweyo nokucinyiwego kuba kulungiselelwa ukunika ingxelo ngokufanelekileyo, ukulandela nokuqhuba iinkqubo kwakunye neenkqubo ezilandelwayo ekughubeni lo Mthetho.

e) UMthetho woLawulo IweeNtlekele (iDisaster Management Act), ka-2002 (uMthetho wama-57 ka-2002)

Lo Mthetho unika:

- Ulawulo lwentlekele olundindeneyo nolulungiselelwego lujonge ekulungisweni kwezinto ngokukhawuleza nangendlela esebezenayo;
  - Ukubuyiselwa kwimeko yesiqhelo emva kwentlekele ngokunjalo nokuncitshiswa komngcipheko weentlekele;
  - Ukusekwa kwamaziko olawulo lweentlekele ephondo nakamasipala;
  - Isigaqo-mkhokelo asebenza phantsi kwavo amaziko olawulo lweentlekele ephondo kwanokusebenzisana noomasipala kunye nabamelili-maqela abachaphazelekayo kwimiba enxulumene neentlekele.

f) UMthetho woLawulo IweeNtlekele, ka-2015  
(uMthetho we-16 ka-2015)

Phakathi kwezinto ojunge kuzo lo Mthetho woLawulo  
lwheeNtlekele, ujunge:

- Ukucacisa indlela ogxile kuyo umgaqo-nkqubo ekubuyiselweni kwimeko yesiqhelo kwanokusebenza kwamaZiko oLawulo lweeNtlekele; kunye
  - Nokuhambelanisa imisebenzi yeQonga lokuCebisa uLawulo lweeNtlekele lukaZwelonke (iNational Disaster Management Advisory Forum) ukuba lufake neQonga lokuNcitshiswa kwemiNgcipheko yeeNtlekele yeLizwe loMzantsi Afrika (iSouth African National Platform for Disaster Risk Reduction);
  - Ukulungiselela ukuba iSebe loKhuselo lweLizwe loMzantsi Afrika kunye nalo naliphi iziko likarhulumente likwazi ukuncedisa iikomiti zolawulo lweentlekele; kunye
  - Nokomeleza indlela yokunika ingxelo malunga nemingcipheko yeentlekele ukwenzela ukuphucula ukukwazi kweлизве ukulawula iintlekele ezinokuvela.

g) UMthetho wobuDlelwane bamaNqwanqwa obuRhulumente (Intergovernmental Relations Framework Act), ka-2005 (uMthetho we-13 ka-2005)

## Lo Mthetho ujонге:

- Ukuseka umgaqo-sisekelo soorhulumente bamaphondo nowelizwe ngokunjalo noomasipala, ukwenzela ukukhuthaza nokuncedisa ubudlelwane phakathi kwamanqwanqwa ohlukaneyo oburhulumente; kunye
  - Nokunika iindlela neenkqubo ezilandelwayo ekuncediseni ekuxazululen iingxabano eziphakathi kwamanqanaba ohlukaneyo karhulumente.

h) UMthetho wokuNatyiswa kokuSetyenziswa koMhlaba kunye noLawulo lokuSetyenziswa koMhlaba (iSpatial Planning and Land Use Management Act), ka-2013 (uMthetho we-16 ka-2013)

## Lo Mthetho ujонге:

- Ukunika umgaqo-sikhokelo wokunatyiswa kokusetyenziswa komhlaba kanye nokulawulwa kokusetyenziswa koMhlaba apha kwiRiphablikhi;
  - Ukucacisa ubudlelwane phakathi kokunatyiswa kokusetyenziswa komhlaba kanye nendlela yokulawulwa kokusetyenziswa komhlaba kanye neziyne iindlela zokucwangcisa;
  - Ukunika ukunatyiswa kokusetyenziswa komhlaba okuqukayo, okupuhhlisayo, okufanelekileyo nokusebezayo kumanqanaba ohlukeneyo karhulumente;
  - Ukunika umgaqo-sikhokelo wokubeka esweni, ukulungelelanisa nokuhlaziya indlela yokunatyiswa kokusetyenziswa komhlaba kanye nokulawulwa kokusetyenziswa komhlaba;
  - Ukunika umgaqo-sikhokelo wemigaqo-nkqubo, imithetho-siseko, imigaqo nemimiselok yokucwangciselwa kokunatyiswa kokusetyenziswa komhlaba kanye nokulawulwa kokusetyenziswa komhlaba;
  - Ukujongana nokunatyiswa kokusetyenziswa komhlaba kwanokungalingani okwensiwe yimithetho yangaphambil;
  - Ukuhuthaza ukuhambelana nokuzinza kweenkqubo ezilandelwayo xa kufakwa izicelo kanye nokuthathwa kwezigqiblo ngabasemagunyeni abajongene neziggiblo zokusetyenziswa komhlaba kanye nezicelo zophuhliso Iwawo;
  - Ukulungiselela ukusekwa, imisebenzi kanye nokusebenza kweeNkundla zokuCwangcisa zikaMasipala;
  - Ukulungiselela ukubhexeshwa nokunyanzeliswa kweendlela zokusetyenziswa nokupuhhliswa komhlaba;
  - Nokulungiselela imiba enxulumene nako konke oku kungendl.

#### **4.3 Emanye imiThetho yeSebe IoRhulumente weNdawo**

Ukongeza kumsebenzi walo eliwubekelwe kumgaqosiseko, iSebe IoRhulumente weNdawo liikhokelwa nayeminye imisebenzi, eyile:

- UMthetho weeNkonzo zeziCima-mlilo (iFire Brigade Services Act), ka-1987 (uMthetho wama-99 ka-1987);
- UMthetho weLizwe wamaDlelo namaHlathi (iNational Veld and Forest Fire Act), ka-1998 (uMthetho kwe-101 ka-1998);
- UMthetho wokuNcedisa uPhuhliso (iDevelopment Facilitation Act), ka-1995 (uMthetho wama-65 ka-1995);
- UMthetho wokuHlaziya kwemiThetho yoRhulumente weNdawo (iLocal Government Laws Amendment Act), ka-2008 (uMthetho we-19 ka-2008);
- UMthetho wokuBekwa kweeNtlobzo zoomasipala weNtshona Koloni (iWestern Cape Determination of Types of municipalities Act), ka-2000 (uMthetho we-9 ka-2000);
- UMthetho wokuBuyekezwka kwamaLungu eeKomiti zikaRhulumente (iRemuneration of Public Office Bearers Act), ka-1998 (uMthetho wama-20 ka-1998);
- UMthetho weNtshona Koloni weziBonelelo noKhuselo looCeba (iWestern Cape Privileges and Immunities of Councillors Act) (uMthetho wesi-2 ka-2011);
- UMthetho woKhuselo IwabaXumi (iConsumer Protection Act), ka-2008 (uMthetho wama-68 ka-2008); kunye
- NoMthetho wokuBekwa esweni nenkxaso yoomasipala beNtshona Koloni (iWestern Cape Monitoring and Support of municipalities Act), ka-2014 (uMthetho wesi-4 ka-2014).

#### **4.4 ImiThetho eLandelwa ngawo onke amasebe**

Kukho uluhlu lweemfuno zolawulo ezifuthela ukusebenza kweSebe kuyo yonke imisebenzi yalo. Nantsi loo mithetho:

- UMthetho weeNkonzo zikaRhulumente (iPublic Service Act), ka-1994 (uMthetho we-103 ka-1994) kunye nemiGaquo yeeNkonzo zikaRhulumente (iPublic Service Regulations) ka-2000;
- UMthetho woLawulo IweMali kaRhulumente (iPublic Finance Management Act), ka-1999 (uMthetho woku-1 ka-1999) kunye nemiGaquo kaNondyebo weLizwe (iNational Treasury Regulations);
- UMthetho woKwabiwa kweNgeniso yoNyaka (iAnnual Division of Revenue Act);
- UMthetho woPhuhliso IweZakhono (iSkills Development Act), ka-1998 (uMthetho wama-97 ka-1998);
- UMthetho weRhafu yoPhuhliso IweZakhono (iSkills Levy Act), ka-1999 (uMthetho we-9 ka-1999);

- UMthetho woBulungisa kwezeNgqesho (Employment Equity Act), 1998 (uMthetho wama-55 ka-1998);
- UMthetho wobuDlelwane phakathi kwabaQeshi nabaSebenzi (Labour Relations Act), 1995 (uMthetho wama-66 ka-1995);
- UMthetho wemiQathango esiSiseko yeNgqesho (Basic Conditions of Employment Act), 1997 (uMthetho wama-75 ka-1997);
- UMthetho weMpilo noKhuseleko eMsebenzini (Occupational Health and Safety Act), 1993 (uMthetho wama-85 ka-1993);
- UMthetho woNyulo kaMasipala (iMunicipal Electoral Act) ka-2000, (uMthetho wama-27 ka-2000);
- UMthetho wokuKhuthaza ukuFikelela kuLwazi (iPromotion of Access to Information Act), ka-2000 (uMthetho wesi-2 ka-2000);
- UMthetho wokuKhuthaza ukuLingana nokuHintela uCalulo oLunomkhethe (Promotion of Equality and Prevention of Unfair Discrimination Act), ka-2000 (uMthetho wesi-4 ka-2000);
- UMthetho wokuKhuthaza uBulungisa kwezoLawulo (Promotion of Administrative Justice Act), ka-2000 (uMthetho wesi-3 ka-2000);
- UMthetho wooVimba beLizwe neeNkonzo zokuGcinwa kweeRekhodi zoMzantsi Afrika (iNational Archives and Record Service of South Africa Act), ka-1996 (uMthetho wama-43 ka-1996); kunye
- NoMthetho wooVimba bePhondo neeNkonzo zokuGcinwa weeRekhodi zeNtshona Koloni (iProvincial Archives and Records Service of the Western Cape Act), ka-2005 (uMthetho wesi-3 ka-2005).

#### **4.5 ImiSebenzi ebekwa yimiGaquo-nkqubo yoRhulumente weNdawo**

La maxwebhu alandelayo alungiselela umgaqosikhokelo wemigaquo-nkqubo yoRhulumente weNdawo:

- UXwebhu IweNgcaciso yeMiba yoRhulumente weNdawo (iWhite Paper on Local Government), ka-1998;
- IsiCwangciso-nkqubo seLizwe sika-2009 sokuGuqula uRhulumente weNdawo (iNational Local Government Turn Around Strategy);
- IsiCwangciso-nkqubo sika-2006 sokuLwa noRhwaphilizo kuRhulumente weNdawo (iLocal Government Anti-Corruption Strategy);
- UMgaquo-nkqubo ka-2000/01 weeNkonzo ezinguNdoqo zaSimahla (iFree Basic Services Policy);
- UMgaquo-sikhokelo weLizwe ka-2007 wokuThatha iNxaxheba koLuntu (iNational Public Participation Framework); kunye
- IsiCwangciso-nkqubo seLizwe sika-2014 sokuBuyela kwiziSeko (iNational Back to Basics Strategy)

#### 4.6 ImiSebenzi ebekwa yeminye imiGaqo-nkqubo

- Umsebenzi worhulumente wendawo ukwachatshazelwa nayile migaqo:
- UMgaqo-sikhokelo ka-2010 woLawulo IweeNtlekele eNtshona Koloni (iWestern Cape Disaster Management Framework);
  - Imimiselo yokuBekwa Phambili kweeMfuno zaBantu (iBatho Pele principles);
  - UMgaqo-sikhokelo ka-2007 woMgaqo-nkqubo wokuBekwa eSweni nokuPhononongwa koRhulumente Gabalala (iPolicy Framework for Government-wide Monitoring and Evaluation (M&E) System);
  - Mgaqo-sikhokelo ka-2007 wokuLawula iiNkcukacha zeNtsebenzo yeNkqubo (iFramework for Managing Programme Performance Information - iMPPI);
  - UMgaqo-nkqubo ka-2007 wokuQinisekiswa koMgangatho weeNkcukacha-manani zaseMzantsi Afrika (iSouth African Statistical Quality Assurance Framework);
  - INdlela kaZwelonke yokuNatyiswa kokuSetyenziswa koMhlaba (iNational Spatial Development Perspective - iNSDP), ka-2002;
  - UMgaqo-sikhokelo wePhondo wokuNatyiswa kokuSetyenziswa koMhlaba (iProvincial Spatial Development Framework - iPSDF), ka-2014;
  - UMgaqo-sikhokelo ka-2005 woLawulo IweeNtlekele zeLizwe (iNational Disaster Management Framework);
  - IsiCwangciso soPhuhliso IweLizwe (uMbono ka-2030) (iNational Development Plan (Vision 2030)); kunye
  - NesiCwangciso esiPheleleyo seeCDW zePhondo (iProvincial CDW Master Plan).

#### 4.7 Amaphulo aCwangciselwe ukuqhuba imiGaqo-nkqubo

- Akukho maphulo amiGaqo-nkqubo acwangciselwe u-2017/18.

### 5 UHlalutyolweMeko oluHlaziywego

#### 5.1 IMeko eNgqonge uKwenziwa komSebenzi

Ukuba inqanaba lokuphuhliswa kweendawo zoluntu belye laholwa ngokwenqanaba lentsebenzo yoomasipala, besinokutsho ukuba iyaphucuka imeko yeendawo zoluntu lwethu. Kodwa ke kunzima ukuyitsho le nto ngenxa yokucotha kokuhluma koqoqosh. Ndaweni yoko, iSebe kufuneka lilingiselele ukujongana neemeko ezimbi ezisezayo.

Inqanaba lokufikelela koluntu kwiinkonzo ezingundoqo kuthathwa njengomba ophambili kuphuhlisu loluntu. Isaveyi eyenziwe eluntwini ekhutshwe ngo-2016 ibonisa ukuba oomasipala bePhondo baqhuba kakuhle ngokofikelelo kwiinkonzo ezisisiko. (Jonga kule theyibhile ingezantsi).

#### ISaveyi yoLuntu ka-2016

Isibonisi	INtshona Koloni
Amanani abantu	6 246 M
Umbane	99%
Ufikelelo emanzini	98%
Ugutyulo	93.3%

Kubalulekile ukuqaphela ukuba ukuba yindawo esecaleni, iziseko zophuhliso ezingalungiswayo kunye nokunqaba kwezakhono zezinye zemingeni abajamelene nayo oomasipala. ISebe liza kuqhubeka nokuxhasa oomasipala ukuze baphucule indlela abaqhuba ngayo. linkonzo ezingundoqo ezingcono ziphucula nangakumbi intlalo-ntle yabantu abangathathi ntweni ngokukodwa abo basemngciphekweni wokuba sebunzimeni.

Enye yeenjongo eziphambili zokuphucula iimeko zentlalo zabantu beli Phondo kukuphucula ufikelelo kwiinkonzo ezingundoqo. Ukuphucula ukufikelela ngokufanelekileyo kwiinkonzo ezifana namanzi, ugutyulo nombane, nako kuphucula uhlumo lwethuba elide yaye kuhambelana neenjongo zeziCwangciso zokuSebenza kwePhondo, ezikukuzinzisa ulawulo olululo kunye nokuhanjiswa kweenkonzo okwenziwa ngobambisano nokuhambisana nokunatyiswa kokusetyenziswa komhlaba.

Eli Sebe liza khwakhela kwimpumelelo eliyifumene kuhanjiswa Iweenkonzo kule minyaka ilishumi idlulileyo ngokuthi ligxile nangakumbi ekuphuculen ikwandisa ulwazi namava okuhambisa iinkonzo, kwezo ndawo zidingeka kakhulu kuzo.

Ngaphezulu, ukuhanjiswa kweenkonzo kusengumgeni, ngakumbi kwiindawo zoogibityholo, emaphandleni nasezfama. Kulo nyaka-mali uphelileyo eli Sebe lixhase ngemali oomasipala ukwenzela ukuba bakwazi ukujongana nemingeni yokuhanjiswa kweenkonzo. Xa kungoku eli phondo lijonje iprojekthi esayilwayo yokufakelwa umbane kwabasebenzi bezolimo, nto leyo iza kunika abasebenzi basezfama ithuba lokuba nombane othengwayo phambi kokuba usetyenziswe. Xa sisiya phambili, eli Sebe liza kuqhubeka nokufezekisa indima yalo yokujonga ukusebenza koomasipala litsho libaxhase lisenzela ukuqinisekisa ukuba zonke iindawo zoluntu ziyafikelela kwiinkonzo ezingundoqo. Eli Sebe liza kuncedisana nenqubo karhulumente yokuxhasa ngemali iinkonzo ezingundoqo ukwenzela ukukhuthaza ubulungisa, ukubeka imisebenzi ephambili yokuhanjiswa kweenkonzo ngokwamacandelo athile, ngakumbi kwinqanaba lendawo. Le nto liza kuyenza lisebenzela phezu kwenkxaso yeenkonzo ezingundoqo eseleti thathe malunga neminyaka emihlanu.

Oomasipala bavele ngethuba elinzima, yaye embindini woku kukwakho nonyulo lorhulumente wendawo obelungo-2016. Eli thuba lenze utshintsho kubunkokeli bezopolitiko koomasipala nakwintsebenziswano yamaqela ezopolitiko, ukwenzela ukuba kuthathwe isigqibo malunga nobunkokeli boomasipala abathile. Izithuba zenggesho zabalawuli abaphezulu koomasipala nazo ziqalile ukuvela, nalapho kubonakele izithuba ezininzi ezingenabantu. Ngaphezulu, iikhontrakthi zabalawuli bakamasipala ziye ziphele ungaphelanga unyaka emva konyulo, ngenxa yemigaqo ekwimithetho abayilandelayo oomasipala.

Eyona nyani lijamelene nalo iSebe looRhulumente beNdawo kukuba le miGaqo iyeyona iPhantsi kumaNqanaba oLwazi kooMasipala (iMunicipal Minimum Competency Level Regulations) ibe nefuthe elingelihle ekukhankasweni kwabasebenzi bokuvala izithuba zabalawuli abaphezulu. Lube luncinci uluhlu Iwabagqatswa abafanelekileyo ngenxa yokuba mbalwa kwabalawuli abaphezulu abaqequeshelwe lo msebenzi abanawona manqanaba asezantsi kubuNcinane boLwazi. Kodwa ke, olu xolelo Iwakutsha nje lupapashwe nguMphathiswa wezeMali ngomhla wesi-3 kuFebruwari 2017, lusenokuba negalelo elithile ekunciphiseni imingeni enxulumene nezona mfuno ziphantsi zolwazi abanalo abalawuli abaphezulu, nto leyo yenze kwanzima ukuba kufunyanwe abaggatwa abafanelekileyo bokungena kwezi zithuba zingenamtu. Noko kunjalo, ifuthe elibi lawona maZinga aPhezulu (Upper Limits) nalo likwanegalelo kumazinga okungagcwaliswa kwezithuba koomasipala kuba libangela ukuba kubenzima ukuba oomasipala baqeshe abantu abanamava kakhulu. Oku kunokukhokelela ekufunekeni okukhulu kwenkxaso yeSebe ngokuthi lizise abantu abanokuvala ezi zithuba, kungenjalo kuthathwe abo sele besebenzela eli sebe ukuba baye kusebenza njengamabambela. Zibe kwizinga eliphezulu kakhulu iziphumo zoku kwiSebe loRhulumente weNdawo. Kusenokuthatha ithuba phambi kokuba kugeshwe abantu kwezi zithuba zibalulekileyo zoomasipala, nto leyo bangenakho ukujongana nayo oomasipala.

Njengokuba kukho ooceba (ookhansila) abatsha abasandula kunya, kukho imfuneko emandla yokusasazwa kolwazi malunga neziKhokelo zomGaqo-sikhokelo weemiThetho kaRhulumente (iGovernment Legislative Framework Guides). Oku kuya kuba nefuthe kulawulo olululo nolusebenzayo kuze kuggibele ngokuqinisekisa ngokuhanjiswa kweenkonzo.

Nangona kukho ukuphucuka kufikelelo kwiinkonzo zikarhulumente, kodwa kusekho iindawo zePhondo aphi ufikelelo neenkukacha malunga neenkonzo zikarhulumente ziseyingxaki enku. INkqubo yeThusong kune neNkqubo yabaSebenzi boPhuhliso loLuntu, zombini zidlale indima ephambili kulo mba. Le Nkqubo yeThusong iqinisekise ukuba iinkonzo zikarhulumente zisiwa kuzo zonke iindawo zoluntu ezisemaphandleni. Le nto yokuba

kuye kusetyenziswa iteknoloji inokuba ngumngeni ekuqhubelekeni kwale nkqubo yaye inokufuna iindlela ezintsha zokwenza. Oku kubangelwa kukulawulwa ndawonye kwamasebe akwinqanaba elinye, ukwenziva kweenkonzo ngekhompyutha, ukwanda kokufikelela kwibroadband ne-wi-fi. Le nto inokukhokelela ekubeni kufuneke ukuba ngokokuhamba kwamaxhesha ziye zisehla ngokwehla iinkqubo zokusondela eluntwini.

Lithuba lemnyaka emi-5 elitsha eli koomasipala bethu, nto leyo ithetha ukuba ngumjikelo omtsha wokucwangcisel a iminyaka emi-5, nto leyo ithetha ukuba kufuneka kwensiwe iziCwangciso ezitsha zoPhuhliso oluNdindeneyo (iIDP) zale minyaka mihihanu izayo. Oku kufuna ukuba umasipala ngamnye adibane noluntu Iwakhe. Ukusekwa kweekomiti zeewadi zale minyaka mihihanu izayo kkube yinto ebaluleke kakhulu ekukhuthazweni kommiselo wokuthatha inxaxheba koluntu. Nonxibelelwano sesinye seziseko zale ndlela intsha yokusebenza. Ngenxa yoku, iSebe liza kudala ukuba kusetyenziswe amaqonga ngamaqonga eTeknoloji yoNxibelelwano noLwazi (iICT) ukwenzela ukukhuthaza ukuba abahlali bathathe inxaxheba kwiinkqubo zikamasipala.

Eli Phondo lisaqhuba nokujamelana nomngeni omkhulu wemililo edala ukusweleka kwamakhulu ngamakhulu abantu kwiindawo ezesischengeni. Lo mngcipheko womililo kweli phondo ukhulisa nayimbalela egqubayo kune nokuhla kwezinga lemvla enayo ikwakhathswa yibhayomesi (amafutha asemhlaben) ekwizinga eliphezulu. Ngethuba lokunikwa kwengxelo ka-2016/17 iNkonzo zemiLilo zeli Phondo sezijongene nemililo engapezu kwama-17000. lingxelo zemililo emalunga nama-2000 bezivela kwiindawo zoogibityholo yaye ziureka imizi engama-5900, kwasweleka nabantu abali-142. Kufakwe iingxelo ezimalunga nama-9000 zemililo yamadlelo/yeendawo ezinezityalo. Kubekho imililo emikhulu kwiSithili saseCape Winelindes, kwiindawo ezingqonge iCeres neStellenbosch. Kuphinde kwaxelwa imililo ekwamikhulu kangako kwiSithili saseOverberg nesaseEden. NakwisiXeko saseKapa kubekho imililo ethi thaphu ngaseSimons Town, kwiNtab' eTafile naseSir Lowry's Pass. Uqikelelwa ngapezu kwe-R5 00 yezigiki umonakalo ongqalileyo kwicandelo likarhulumente, yaye kunzima ukuyibala ilahleko emayana, ngakumbi kwezokhenketho, ezamahlathi nezolimo.

Ukuqatshelwa nokuxelwa kwangoko kwale mililo kuyeyona nto ibalulekileyo ekunciphiseni ifuthe layo. Le nto ixelwe ngasentla, ikune noncedo olukhawulezileyo kune nokuhlaselwa ngoko nangoko kwale mililo kuya kwandisa amathuba okulawula nokuphelisa imililo kwangoko kangangoko. INTshona Koloni inomgaqo-sikhokelo woLawulo oluNdindeneyo IwemiLilo, noquka iinkqubo zamaphulo okwandisa ulwazi nokulungela ukuncheda. Lomgaqo-sikhokelousisiphumo senkqubo yokucwangciso elungiselelwe unyaka wonke, nkqubo leyo ibiuka bonke abathathi-nxaxheba

abaphambili. Amaqumrhu karhulumente akhona kuwo onke amanqanaba karhulumente, ukwenzela ukuqinisekisa ngolungiselelo nokuqhutywa okukuko kwale nto kuwo onke amanqanaba. linkqubo zokucwangcisa zangoku ziya zijonga iimfuno zezendalo zalo mmandla unezinto zendalo. Abantu, iipropati neziseko zophuhliso, kuquka izityalo, ziya kusoloko zikhulse wa emililweni. Kodwa ke iinzame ezininzi zijongiswe ekulawuleni imililo ukwenzela ukukhusela indalo.

Uphando olwensiwe liSebe libambisene neBhunga lezoPhando ngezoNyango (iMedical Research Council) malunga nokufa okunxulumene nemililo, lufumanise ukuba ukufa okuninzi kubangelwa kukurhaxwa ngumsi, hayi umlilo ngokwawo. Oku kubangelwa kukuba ukufa okuninzi okubangelwa ngumlilo okwenzeka kwiindawo zoogobityholo kwenzeneka ebusuku xa abantu beele, ngokukodwa phaya ngoo-1 ezinzulwini zobusuku. Amaxhoba adla ngokuba ngabantwana kuney nabantu abadala. Eyona nto ibulala nangakumbi kumlilo ohlasele ikhaya ngumsi, xa abantu beele abavuswa kukurhogola umsi. Oku kubonisa ukuba owona mngeni kukujongana nokusweleka okwenzeka kwiindawo zoogobityholo, ngokubhekiselele kwimililo kune nokurhaxwa okuhamba nayo.

Zezolimo eyona nto inyusa iMveliso yoHlumo IweNdawo (iGrowth Domestic Product - iGDP) kweli Phondo. Ngenxa yoku kutshintsha kwemozulu kune nefuthe lembalela kweli lizwe kune nePhondo eli, kukho iindlela ezenziwego zokulungiselela ukulwa nezipumo zale mbalela. liNkonzo zeMozulu zaseMzantsi Afrika zibonisa ukuba le meko yembalela ayikadluli, yaye eli Phondo liza kujongana nemingeni enzima ngeli thuba langoku lasehlotyeni. Kude

kube ngoku, oomasipala abahlalu babbhengezwe njengabaphantsi kweentlekele ezibangelwe yimbalela. Xa eli Phondo linokungafumanzi zimvula zaneleyo kwiimvula zobu busika buzayo, le meko ingambi nangakumbi. lingxoxo eziqhubayo phakathi kwamacandelo eLizwe nawePhondo kune noomasipala ziymfunko ekunciphiseni ifuthe lale mbalela.

## 5.2 IMeko kaMasipala

Imeko enkenenkene yezoqoqosho kune nokushokoxheka kwezixhobo zifuna ukuba eli Sebe libeke iindlela zokuphucula ukusebenza ngendlela kwalo. Ezona zinto ziphambili kwezi nzame kukuqinisekisa ngokuhanjiswa kweenkonzo okubeka phambili abahlali.

lSebe loRhulumente weNdawo linciphise nge-1% ne-2% kwizinto eziphambili kumgaqo-nkqubo yaye lilindele imali ebekelwe eli Sebe nge-MTEF ka-2017.

Akunakwenzeneka ukuba iimali zabiwe ngokutsha ukubekela izinto ezibalulekileyo, kuba kujongwe ukulungisa iziseko, zingakhange zichatshazelwe izinto ezinokwenzeneka kune nokuhanjiswa kweenkonzo okubekwe kwiAPP. Ubungakanani bebjajethi esisiseko kuhlala kumi ndawonye ngelixa uxanduva IweSebe lonyukile ukususela oko lithe lakhutshwa kwiSebe lokuHlaliswa kwaBantu. Oku kunokuba nefuthe elibi kumgangatho wenkxaso esiyinika oomasipala bethu.

### Ukuqeshwa nezithuba ngokwenkqubo ethile, ngowama-31 kuMatshi ka-2016

Inkqubo	Inani lezithuba ezikhoyo	Inani lezithuba ekuqeshiwego kuzo	I-% yereyithi yezithuba
INkqubo yoku-1	63	53	15.9%
INkqubo yesi-2	246	241	2.0%
INkqubo yesi- 3	52	51	1.9%
<b>Ewonke</b>	<b>361</b>	<b>345</b>	<b>4.4%</b>

Ukuqeshwa nezithuba ngokwamanqanaba emivuzo, ngowama-31 kuMatshi ka-2016

Icandelo lomvuzo	Inani lezithuba ezikhoyo	Inani lezithuba ekuqeshiwyo kuzo	I-% yereyithi yezithuba
Abanezakhono ezisezantsi (Inqanaba 1-2)	0	0	0.0%
Abanezakhono (Inqanaba 3-5)	33	30	9.1%
Abanezakhono eziphezulu zokuvelisa (Inqanaba 6-8)	209	207	1.0%
Abanezakhono eziphezulu zokusuphavayiza (Inqanaba 9-12)	103	94	8.7%
Abaphathi abaphezulu (Inqanaba 13-16)	16	14	12.5%
<b>Ewonke</b>	<b>361</b>	<b>345</b>	<b>4.4%</b>

### 5.3 INkqubo yokuCwangcisel ukuSebenza

Kwiingxoxo ezininzi ezibanjwe kunye neNtloko yeSebe, uMphathiswa uye wathetha ngezinto eziphambili ezelungiselelwe ukwenziwa kule minyaka mithathu izayo. Izinto eziphambili ezibekwe nguMphathiswa ziye zaxoxwa kunye nabaphathi abaphezulu beSebe kwiingxoxo ngeengxoxo. Imiba exoxwe kwezi ngxoxo iphindie yaxoxwa kumaqonga abaphathi ukwenzela ukuhlola ukufaneleka kwayo.

ISebe liphindie laqhuba uphando lokuphonononga nolokuhlalutya oluqhutywe ngokubambisene namanye amaqela achaphazelekayo, ukwenzela ukujonga imfuneko yongenelelo. Amaqonga afana neMGRO, amaqela okusebenza ePSG, ukuhlola kwelDP kunye neNINMAY anike eli Sebe idatha enokuhlalutelwa ukusincedisa xa sicwangciso. ICandelwana lemiGaquo-nkqubo neNkxaso yokuSebenza liye labamba iingxoxo nabaPhathi abaphezulu ngethuba lokwenza kwabo izicwangciso zabo, laze labakhokela lisenzela ukupinisekisa ukuba

ziyabandakanya wa izinto eziphambili ezixelwe nguMphathiswa kunye neNtloko yeSebe, kunye nezo zikumaxwebhu abalulekileyo afana nesiCwangciso soPhuhlisoseLizwe,uMgaqo-sikhokelowokuSebenza weThuba eliPhakathi (iMTSF) kunye nesiCwangciso sokuSebenza sePhondo. Le nto ibangele ukuba kubekho iseshoni yokucwangcisel ukuSebenza kweSebe, apho abalawuli beSebe baye baxoxa malunga nezigcwangciso zecandelo ngalinye, bekunye nabalaawuli abaphakathi, bekhokelwa nguMphathiswa kunye neNtloko yeSebe.

Le nkqubo iye yalandelwa ziingxoxo ezishushu ebezixile ekubekeni iibhajethi zezo zicwangciso; zaza ezi zinto zathiwa thaca phambi kweKomiti yeBhajethi yePhondo ngethuba lePGMTEC yoku-1 neyesi-2. Ezi zicwangciso ziphinde zalungiswa ngethuba leengxoxo ebezibanjwa liqela lezemali kunye necandelo ngalinye, iCandelwana IoMgaquo-nkqubo neNkxaso yokuSebenza kunye neNtloko yeSebe.

## 6 Iinjongo Eziphambili Nezijoliswe Kwiziphumo Ezijonge Ukufezekiswa

### 6.1 UkuHambelanisa nesiCwangciso soPhuhliso seLizwe, iziPhumo zeLizwe kune neeNjongo eziPhambili zePhondo

Le theyibhile ingezantsi ibonisa indlela iSebe elinxulumene ngayo nesiCwangciso soPhuhliso seLizwe, ezinye iziPhumo zikaRhulumente kune neeNjongo eziPhambili zePhondo.

ISahluko seNDP	Injongo	IsiPhumo seLizwe	EsePhondo	IMpendulo yeDLG
3 Uqoqosho nengqesho	Ukuqhutywa kweenkqubo zokuqesha zikarhulumente	Esesi-4: Ukuqeshwa kwimisebenzi endilisekileyo okwenziwa ngohlubo oluquka wonke umntu. INkqutyana 3: Ukunciphisa ulutsha olungaphangeliyo INkqutyana 7: Ukuqhutywa kweenkqubo zemisebenzi karhulumente	I-PSG 1: Ukudala amathuba okuhluma kune nawemisebenzi	Amaphulo enkxaso okuphucula ufilelo kuqoqosho oluncinane kusetyenziswa abaSebenzi boPhuhliso loLuntu.
4 IziSeko zoPhuhliso zezoQoqosho	Ukunikwa okwaneleyo kweenkonzo ezifana namanzi nombane	Esesi-6: Umgaqo-sikhokelo osebenzayo, okhuphisanayo nojongana neemfuno zeziseko zophuhliso lwezoqoqosho. INkqutyana 2 & 4: IziSeko zoPhuhliso eziKhulul Nkqutyana 6: Ezonxibelelwano neteknoloji yezolwazi	I-PSG 4: Ukwenza ukuba indalo ephilayo esingqongileyo ikwazi ukumelana neemeko, izinze, ibe semgangathwemi yaye iquke konke; INTo ekuPhunywa nayo 2: UkuHlaliswa kwaBantu okuPhuculweyo PSG 4, INTo ekuPhunywa nayo 2: Ulawulo Iwendawo olululo, olusebenzayo nolujongana neemeko zabantu	Ukuxhasa oomasipala xa besenza isiCwangciso esiKhulu soMbane  Ukuxhasa oomasipala ekuhloeni kwabo imingcipheko nokuba buthathaka kwabo.  Ukunika iinkqubo zenkxaso yeICT koomasipala.
5 Ukuzinza nokumelana nobunzima kwendalo es-ingqongileyo	Ukuphucuka kokulungela ukujongana neentlekele nobunzima bezehlo zeemozulu ezinzima	Esesi-3: Bonke abantu baseMzantsi Afrika bazivabekhuselekile yaye bakhuselekile	I-PSG 4: Ukumelana nokutshintsha kwemozulu	Ukuxhasa oomasipala namasebe karhulumente ekwenzeni nasekuhlaziyi icicwangciso zokulungela ukumelana neentlekele.  Ukunedisana nokucuthwa kwemingcipheko yeentlekele ngokusebenzisa iindlela zokujongana nemingcipheko yeentlekele kwiiIDP zikamasipala.  Ukfaka izirhogeli-msi kwiindawo zoogobityholo.  Ukuqhuba iinkqubo zoMlilo nokhuseleko lobomi.  Ukunedisana noqequeso lweZehlo zomlilo noKulwa uMlilo ngeeNqwelo-ntaka.

Isahluko seNDP	Injongo	IsiPhumo seLizwe	EsePhondo	IMpendulo yeDLG
6. Uqequesho oluqukayo Iwasemaphandleni	Ukuxhasa abahlali basemaphandleni	Esesi-7: Uluntu lwase-maphandleni olusemandleni, olunamathuba alinganayo noluzinzieyo kwanokuba nokutya komntu wonke. INkqutyana 3: linkonzo zasemaphandleni nentlalo ezinzileyo INkqutyana yesi-3: Ukukhuthazwa yoqoqo-sho kwintlalo yoluntu	I-PSG 5, Into eku-Phunywa nayo 4: Ukunxulunyaniswa kweenkonzo	Ukuqinisekisa ngofikelelo kwiinkonzo zikarhulu-mente ngabantu abahlala emaphandleni bese-benzisa izithuthi ezijke-lezayo zeThusong kunye neeCDW.
9 Ukuguqula imeko yokuhlala yoluntu	Ukulungisa ezi ndlela zangoku zokucwangci-sa ukwenzela ulungelelwaniso oluphucukileyo	Ese-9: Indlela karhulu-mente wendawo esebenza ngokweemfuno zabantu, ethembekileyo, esebenzayo nelungileyo. INkqutyana 7: Ulunge-lelwaniso olwensiwa ndawonye	I-PSG 5, Into eku-Phunywa nayo 4: Ukucwangcisa, ukubhajetha noku-landelwa kwazo okundindeneyo.	Ukuqinisekisa ngoku-hambelana kocwangciso nenkcitho xa zitheleki-swa nezinto eziphambili ezijongwe ngokuhlolwa kwIDP.
	limbuyekezo zabahlali abase-benza kucwang-ciselo nophuhliso Iwendawo olwen-zela iindawana zomhlaba os-etyenziswayo	Esesi-7: Uluntu lwase-maphandleni olusemandleni, olunamathuba alinganayo noluzinzieyo kwanokuba nokutya komntu wonke. INkqutyana 5: Ukuvumela indalo ekumasipala ukuba ikwazi ukuzinza ihlume ngokuqukeneyo	I-PSG 5, Into eku-Phunywa nayo 5: lingxoxo ezibanjwa noluntu	Ukuxhasa izenzo zok-uphucula ukusebenza kweekomiti zeewadi.
